Isalathiso: 20210413-2184
Inombolo yefayili: 12/2/10/5
Imibuzo: V Nyalashe

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lezoPhando: 0001/2021

Iya: KwiiNqununu zazo zonke izikolo ezizimeleyo

Isihloko: IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe i*WCED* ngo-2021 kwizikolo ezizimeleyo

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) sele kulithuba liqhuba iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo kwiiLwimi nakwiMathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 ukususela ngo-2002. Le nkqubo yaye yanatyiselwa kwiBakala 9 ngo-2010. Iziphumo zinceda izikolo ekuqapheleni iinkalo ezisafuna ukuphuculwa kwanokuba iSebe i*WCED* liqaphele iinkalo zekharityhulam ezifuna inkxaso engaphezulu.

2. Izikolo ezizimeleyo zacelwa ukuba zithathe inxaxheba kwiprogram yovavanyo ukususela ngo-2010.

3. **Izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali kufuneka zithathe inxaxheba** lo gama izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali zithatha inxaxheba zakuba ziceliwe zona.

4. Le ngcaciso imfutshane isebenza njengesicelo esisemthethweni esiya kuzo zonke izikolo ezizimeleyo ezingafumani nkxaso-mali ezinabafundi abangaphezu kweshumi kulo ngalinye kula maBakala 3, 6 no-9 ukuba lithathe inxaxheba kwinkqubo yeeMvavanyo zeMfundo zeSebe i*WCED* ngo-2021.

5. Ezi mvavanyo ziqhutywa ngababoneleli-nkonzo abazimeleyo abaqeshwe liSebe i*WCED*.

6. Kucelwa ukuba niqwalasele ezi nkcukacha zilandelayo zeemvavanyo zika-2021:

   - Uvavanyo luya kuqhuba ukususela nge-**13 Oktobha ukuya kwi-28 Oktobha 2021.**

- Isikolo sakho siya kufumana ileta eyazisa ngomhla wovavanyo esuka kwiSebe i*WCED*.
- Iimvavanyo ziya kucwangciselwa usuku olunye kwisikolo ngasinye.
- Abafundi beBakala 3 baya kuvavanywa ngoLwimi lokuFundisa nokuFunda (*Language of Learning and Teaching* (*LoLT*) lwesikolo (ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi okanye ngesiXhosa)) nakwiMathematika.
- Abafundi bamaBakala 6 no-9 baya kuvavanywa kwi*LoLT* yesikolo (isiNgesi okanye isi-Afrikansi) nakwiMathematika.
- Amanqaku okupasa zonke iimvavanyo ngu-50%.
- Iiripoti zezikolo ziya kunikwa zonke izikolo.
- Ukuba isikolo sakho siye sanomdla ekuthatheni inxaxheba, kucelwa ukuba uzalise le fom iqhotyoshelweyo uyithumele kuMnu Vumile Nyalashe kule nombolo yefeksi: 086 555 3955 okanye uyithumele nge-imeyili apha vumile.nyalashe@westerncape.gov.za **ungadlulanga owe-28 Meyi 2021**.

- Kwakhona, makuqinisekiswe ukuba iinkcukacha zabo bonke abafundi abakumaBakala 3, 6 no-9 zifakwa kwisistim i*CEMIS* **ungadlulanga owe-30 Julayi 2021**.

7. ISebe i*WCED* lijonge ngethemba ekuthatheni inxaxheba kwezikolo ezingafumani nkxaso-mali ezizimeleyo kwiiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe i*WCED* ngo-2021 ukwenzela amaBakala 3, 6 no-9 .

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2021-05-03

Igama lesikolo											
Ino. yesistim i-*EMIS*											
Ingaba iinkcukacha zabafundi zifakiwe kwisistim i*CEMIS*?	**EWE**		**HAYI**								
Ingaba isikolo sizizalisile sazithumela iisaveyi eziquphayo neesaveyi zaqho ngonyaka zaso zika-2021 kwiSebe i*WCED*?	**EWE**		**HAYI**								
Ukuba isikolo sakho siza kuthatha inxaxheba, bhala amabakala aya kuthatha inxaxheba kwiimvavanyo ngokumakisha ibhokisi efanelekileyo:											
IBakala 3		**IBakala 6**		**IBakala 9**							

IINKCUKACHA EZIFUNEKAYO	**IBakala 3**	**IBakala 6**	**IBakala 9**
Inani leeklasi			
Inani labafundi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisi-Afrikansi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisiNgesi			
Inani labafundi abasebenzisa i*LoLT* esisiXhosa			

.....
Isignitsha yeNqununu

Umhla: .....

Niyacelwa niyibuyisele ifom ezaliswe ngokupheleleyo kulo: Vumile Nyalashe ngokuyithumela ngefeksi apha 086 555 3955 okanye nge-imeyili apha: vumile.nyalashe@westerncape.gov.za okanye ngokufonela kule nombolo 021 467 9350.